AMAHEBHERE,
ISAHLUKO SESIBINI [2]

. . . uza kuqala, aze afundisise iZibhalo, ukuze abenakho ukuyithelekisa kwaye abe nokubona okokuba yayiyiNyaniso okanye hayi. Wayithabatha, iNyaniso, ngeTestamente Endala. Ngoku, uPawulos wayesisifundiswa seTestamente Endala. Bangaphi abayaziyo lonto? Wayefundiswe phantsi kwesinye sabangcono abafundiswa bomhla wakhe, uGamaliyeli, esibalaseleyo isifundiswa. Kwaye uPawulos wayeyazi iTestamente Endala. Kwaye ndicinga ukudlikidlwa kwakhe kokuqala, njengoko benditshilo ngale ntsasa, xana wangqina ukufa kukaStefano. Into ethile kufanele yamfumana uPawulos, ngokuba konke ukuya ngemibhalo yakhe waqhubeka ebhekiselela kuko, "Andifanelekanga, ngokuba ndatshutshisa iBandla kude kuse ekufeni. Ndingoyena umncinci kubo."

95 Owu, kodwa uThixo wayenengcinga eyahlukileyo yayo. Wayengomnye wawona anamandla amadoda omhla.

> Yabona oNgcwele uPawulos, omkhulu umpostile
> Kunye nengubo yakhe ikhazimla kakhulu kwaye intle, (yatsho imbongi)
> Owu, ngokuqinisekileyo kufanele kubekho okuthile ukukhwaza
> Xana sonke sihlangana Phaya.

Olwa Suku lukhulu xana ndimbona yena esamnkela isithsaba sokufela inkolo, umvuzo wokufela inkolo!

96 Ndema ngakwindlwana encinci endala, apha kungekudala, apho wabhalayo eziLeta. Baze emva koko banqumla intloko yakhe. Baza bamgibisela ngaphaya kumjelo wobumdaka, ukuhlamba umjelo wobumdaka. Kwaye lomYuda mncinci phaya, wathi, "Ndithwala emzimbeni wam iziva zikaYesu Kristu. Ndilwile namarhamncwa ase Efese, kodwa ndilwe umlo olungileyo. Ugqatso ndilugqibile. UKholo ndilugcinile. Kwaye kususela ngoku, kukho isitshaba sobulungisa endibekelwe sona, eyokuthi iNkosi, uMgwebi olilungisa, andinike ngolwaSuku. Kwaye hayi kuphela mna, kodwa nabo bonke abo bakuthandayo ukubonakala Kwakhe." Indlela endikuthanda ngayo okuya! Owu, ndifuna ukubalelwa kunye nabo! Sasiqhele ukucula ingoma:

Owu, ungabalelwa njengomnye webandla Lakhe?
Ungathanda ukubalelwa njengomnye webandla Lakhe?
Ungabi nabala ngaphakathi, uqaphele kwaye ulindele okwakubonakala kubekho;
Uyeza kwakhona.

97 Ndifuna ukuba ngomnye wabo. Ngoku umbhali uyaqhubeka, esithi:

Ngenxa yoko simelwe . . . kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esa*zivayo, hleze nangaliphi ixesha siphuncukane nazo.*

98 Njengoko sikufundisile kokuya, ngale ntsasa, umqolo wesi-2 uqubisana, "Ukuba . . . "

ukuba ilizwi elathethwa *zizithunywa zezulu . . .*

99 Yintoni esizifumana zizizo *izithunywa* zezulu? Abaprofeti. "UThixo wathetha ngamaxesha akudala . . . " Ngoku, kufuneka wenze, hayi uluvo olulolwethu, kodwa iBhayibhile. Ngoku isahluko soku-1, se . . . isahluko soku-1, umqolo woku-1.

UThixo, kumaxesha akudala . . . nangeendlela ezininzi wayethethile . . . koobawo ngabo abaprofeti,

100 Ngoku uya ngapha, aze atsho kwakhona.

Kuba ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa la*qina, . . .*

Kwaye ithetha ntoni *isithunywa* sezulu? "Umthunywa." Ukuba umthunywa kaThixo othanjisiweyo . . . Kuze emva koko ukuba sithanjisiwe, singabathunywa bakaThixo. Singabathunywa ehlabathi, abameli beZulu, sivakalisa ukuba singabaphambukeli nabangaziwayo. Asingabo abelihlabathi. Kodwa sifuna uMzi ozayo, oMakhi noMenzi wawo inguThixo. Asibeki butyebi kweli hlabathi, apho amasela aqhekezayo angene, namanundu, nokubola, nokonakala. Kuba, ubutyebi bethu bulele eZulwini, apho uYesu ahleli ngasekunene kobuNgangamsha. Owu, enjani ukubanozuko nokumangalisa into, ukwazi ukuba:

Amathemba ethu awakhelwanga nakwenye into engaphantsi
KuneGazi likaYesu nobulungisa;
Xa konke okujikeleze umphefumlo wam kunikezela,
Ngoko Ulilo lonke ithemba nokuxhaswa kwam.

KuKristu, iLiwa eliqinileyo, ndimile;
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo,
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

101 Indlela awayibhala ngayo langoma u-Eddie Perronet, ngamaxesha entshutshiso!

> Ngoku, *ukuba ilizwi* elathethwayo *ngezithunywa zezula laqina,* . . . (Xana abathunywa bakaThixo bathetha iLizwi, Lema.) . . . waza wathi wonke umvuzo *wamnkela umvuzo oyeleleyo;*
>
> *Sothini na ukusinda* ngoku, *ukuba a*simva uKristu, Othethayo eZulwini?

Ngoku qaphela:

> *Sothini na ukusinda, ukuba sihilizela usindiso olungakanana;* . . . (Yicinge.) . . . *lona ekuqaleni* laqalwa *ukuthethwa yiyo iNkosi,* . . .

102 UKristu uqalisa umsebenzi Wakhe. Yintoni Ayenzileyo? SiyaMbukela, indlela Yena . . . athobeke, aphantsi, indlela Awayengamkhulwanga ngayo ngokuqapheleka indoda njengezifundiswa zenkolo. Kodwa Yena wayethobekile, enobulali, enobubele. Wayengengomshumayeli unamandla. IZwi Lakhe lalingaviwanga estratweni.

Kodwa uYohane waphuma njengengonyama egqumayo. Wayengumshumayeli.

103 UYesu waphuma, hayi njengengonyama egqumayo, kodwa uThixo esebenza kunye naYe, eqinisela iLizwi. UThixo wayekunye noKristu. UPetros wathi, ngoSuku lwePentekoste, "Nina madoda akwaSirayeli, nani bemiyo kwelakwaYuda . . . uYesu waseNazarete, iNdoda evunyiweyo nguThixo phakathi kwenu, ngemiqondiso nangezimanga nemimangaliso, athe uThixo wayenza ngaYe, phakathi kweni nonke, eningamangqina nonke." Qaphela indlela ayibethelela ngayo kubo. "Kufanele benimazile Yena."

104 Wathi uYesu, "Nina bahanahanisi." Wathi, "Niphumela ngaphandle niye kujonga ilanga, kwaye nina . . . Libomvu kwaye liyatshona, nithi, 'Izakuba yimozulu embi.' Kwaye ukuba liqaqambile kwaye liyakhanya, okanye njalo njalo, nithi, 'Izakuba yimozulu entle.'" Wathi, "Ninakho ukucalula isibhakabhaka, kodwa imiqondiso yexesha, aninakho ukuyicalula. Kuba ukuba benindazile Mna, ngebe niwazile nomhla waM."

105 Owu, yintoni Yena ebeya kuyikhwaza ngobu busuku. Indlela uMoya Wakhe okhwaza ngayo ngabashumayeli Bakhe, "Iyure ifikile!"

Siyaculula. Siqaphele iziqhushumbisi ze atom. Siyayazi ngubani ozakuthabatha indawo kaClark Gable, nokuba ngubani ozakwenza *lena*, *leya*, okanye *enye*; okanye ngubani ozakuba ngusekela mongameli. Sinomdla kokuya, kodwa asinakho ukucalula imiqondiso yexesha. Sisesiphelweni.

106 Yintoni? Sinomdla kangako kwi, "Yintoni isahluko esilandelayo sikamabonwakude? Yintoni azakuyenza uSusie?" okanye ngubani igama lalamfazi. "Kwaye uyaphi u-Arthur Godfrey? Luhlobo luni lwesiqhulo azikusenza kwixesha elizayo?" Thina, njengoMkristu, sidyobha ingqondo yethu izale ngonjalo umbolo, xa simelwe kukuba semthandazweni ndaweni ithile, size sifundisise iBhayibhile, ukuze sazi imiqondiso yexesha esiphila kulo.

107 Yintoni eyenza oko, ixesha elininzi, ziipulpiti ezibhetyebhetye, injalo lonto, ezingehleli ezantsi ukuze zizise iVangeli yeNyaniso. Sizakufuneka siphendule ngenxa yokuya kwimihla ezayo. Akufuneki sihilizele nayiphi into. Kwaye abantu, njengoko silapha kuloMnquba kaBranham, ukuza kubona imiqondiso nezimanga, namandla ovuko lukaKristu; kuze emva koko sazi ukuba siyakubeka amaxesha ethu—ethu phezu kwezinye izinto, size sihilizele ukuliva iZwi leNkosi uYesu, "Siyakusinda njani, ukuba asiluhoyi olukhulu kangako usindiso?"

108 Umqolo wesi-3, okanye umqolo wesi-4. Apha kulapho besiphele khona, kumqolo wesi-4, ngale ntsasa.

UThixo engqinelana nabo, . . . (Owu, bethu!)

UThixo . . . engqinelana nabo, . . .

Phulaphula eLizwini.

. . . ngokubini ngemiqondiso . . . nezimanga, nemisebenzi ngemisebenzi yemimangaliso, . . .

Yintoni imimangaliso emininzi? Yintoni *okuninzi*? *Okuninzi* kuthetha "eninzi." "Ne*mininizi* imimangaliso, uThixo engqinelana nabo." Owu Thixo! Ndiyathemba ukuba Iyakuzika ezintliziyweni zenu. Phulaphulani.

109 Ndingomnye wabelusi benu, kunye noMzalwana uNeville apha. Ndifuna Ibe kushicilelo. IBhayibhile yathi, "Ukuba kuvela omnye aze phakathi kwenu, atsho *nje-na-nje,* ize ingenzeki, sanukuyimamela, kuba Andiyithethanga. Kodwa ukuba uthetha eGameni laM, kwaye oko akutshoyo kuyenzeka, ngoko yiveni Yona." Amen. "Kuba ndikunye nala mprofeti, okanye umshumayeli, nantoni enokuba yiyo. Ukuba oko akutshoyo kuyenzeka, ngoko mveni yena."

110 Ngoku, zihlobo, masimve Yena, uMoya oyiNgcwele ethetha phakathi kwethu, ebonisa emininzi imimangaliso, nemiqondiso, nezimanga. Masingagqithi nje phezu kwaYo njengezenzeko eziqhelekileyo. Masikhumbule ukuba NguYesu Kristu, onguye izolo, namhlanje, naphakade; eqinisela iLizwi Lakhe. Masiyenze. Owu, ncedani yenzeni. Thathelani ingqalelo. Mayithi yonke enye into ize kamva, nkqu nendlu yakho, umyeni wakho, umfazi wakho, abantwana bakho. Nantoni na enokuba yiyo, yibeke kwindawo yesibini. Beka uThixo kuqala.

Uthi, "Mzalwana uBranham, ngaphezu kwabantwana bam?" Ngaphezu kwayo nayiphi into. Beka uThixo kuqala. Yena makabe ngowokuqala.

111 U-Eliya wesuka entabeni, ngenye imini. Waye eyingelosi, umthunywa, umthunywa kaThixo, othanjisiweyo. Kwaye wafumana umfazi ongumhlolokazi echola amakhuni amabini. Wathi, "Hamba, undenzele amaqebengwana amancinci, uze undiphathele namanzi amancinci."

112 Waze wathi, "Oko umphefumlo wakho usaphila, andinanto kuphela ngamaqebengwana nje aneleyo, okanye intlama yengqolowa eyaneleyo, yokwenza iqebengwanana elincinci. Kwaye ndine oli nje eyoneleyo yokuya, kuyixuba, ukwenzela ithutyana. Kwaye ndichola amakhuni amabini." Indlela yakudala yayi, yindlela yamaNdiya, yokuphambanisa amakhuni uze uwavuthise ukusuka esiphakathini, uqhubeke uwatyhalela ngaphakathi. Ndenze imililo emininzi yasedlelweni enjalo. Wathi, "Kwaye ndizakuphekela mna nenkwenkwe yam ela qebengwana lincinci, usana lwam. kwaye sizakuyitya size sife." Kwaye kukho imbalela okwemninyaka emithathu neenyanga ezintandathu, kungekho manzi naphina.

113 Lowa ungqongqo, mdala umprofeti, wajonga la mfazi ebusweni. Wathi, "Hamba, wenzele mna iqebengwana kuqala." Okunjani ukuyalela, bokuba indoda ixelele umfazi ongumhlolokazi, elambela ukufa, ukuba atyise yena kuqala. Yintoni awayitshoyo? "Ngokuba ITSHO INKOSI, umphanda uwusayi koma, negutyana alisayi kuminyelwa, ade uThixo athumele imvula emhlabeni."

Kuqala, uThixo. Wangena waza wenza ela qebengwana lincinci, waza weza walinika umprofeti. Wabuyela emva wenza elinye, nelinye, nelinye, nelinye. Kwaye umphanda zange wome, okanye igutyana liminyelwe, wade uThixo wathumela imvula emhlabeni. Wabeka uThixo phambi kwabantwana bakhe. Wabeka uThixo phambi kwayo nantoni engenye. Wathabatha ubuKumkani bukaThixo, kuqala.

114 UThixo kufuneka abe nendawo yokuqala entliziyweni yakho, indawo yokuqala ebomini bakho, indawo yokuqala kuyo yonke into oyenzayo okanye oyiyo. UThixo makabe ngowokuqala. Akayifuni indawo yesibini. Akafanelangwa yindawo yesibini. Ufanelwe kokona kungcono, nokokuqala, nako konke esinako. Ufanelwe kuko. Malisikelelwe iGama Lakhe elingcwele!

> *Kuba uThixo wa . . . ngqinelana nabo kananjalo,* wanika ubungqina, *ngemiqondiso nezimanga, . . . nemimangaliso emininzi, kunye nezipho zikaMoya oyiNgcwele, ngokwentando yakhe?*

115 Hayi oko amadoda akutshoyo, oko ibandla lakutshoyo, kodwa oko kwakuyintando kaThixo. Owu, sidinga ukufuna

intando kaThixo, hayi inceba yommelwane wakho, hayi inceba yabantwana bakho, hayi inceba yomyeni wakho okanye umfazi wakho. Kodwa, funa intando kaThixo, uze wenze oko kuqala. Emva koko yonke into engenye, intando yomfazi nentando yabantwana, iyakungena kanye kunye nayo. Kodwa, beka uThixo kuqala.

116 Qaphelani, ngoku.

> *Kuba akalithobelanga phantsi kwezithunywa elimiweyo eliza kubakho, eli sithetha ngalo.*

117 Ngenye indlela, iiNgelosi ezinkulu ezilungiselela eMazulwini, uGabhriyeli, uMikhayeli, uWoodworm, kunye namashumi amawaka aphindwe ngamashumi amawaka eeNgelosi zeZulu; okanye amashumi amakhulu abaprofeti awayekhe asemhlabeni, bonke ngamnye kubo; Akazange abeke nenye yazo ibe nolawulo phezu kwehlabathi eliyakuza, esithetha ngalo. Nanye yazo! Akazange athi, "Isaya, uyakulawula ihlabathi." Akazange wabeka ihlabathi phantsi kolawulo luka Eliya. Engazange Walubeka kuGabhriyeli, okanye nakwesiphi isithunywa sezulu, nakuwuphi umoya olungiselelayo.

118 Qaphela oko wakutshoyo, uPawulos, esenza mkhulu uKristu, ntoleyo sithetha ngayo.

> *Kodwa omnye kwenye indawo wangqina, esithi, Uyintoni umntu, lento umkhathalele kangaka? okanye unyana womntu, lento* umvelelayo *yena?*
>
> *Wam*n*ciphisa kancinci kunezithunywa zezulu; wam*thwesa *uzuko nembeko, wammisa phezu kwemisebenzi* yezandla *zakho:*

119 Ngoku, ukuba nifuna ukufunda okuya, ziiNdumiso 8:4-6, uDavide ethetha. Ngoku yintoni awambiza yona uDavide apha? Oko kwayilungisa, kanye phaya, nokuba bendilungile ngale ntsasa, kubaprofeti.

120 Wathi, "Kuba esinye sezithunywa satsho kwenye indawo." UDavide, umthunywa kaThixo, wayesisithunywa sikaThixo, kuba wayengumthunywa kaThixo. Isithunywa sathi, uDavide wathi, kwiiNdumiso, "Wena umenze wasilela kancinci kuneZithunywa zeZulu." Isithunywa sezulu satsho ukuba uThixo umenze Yena wasilela kuneNgelosi, ukuze Yena abe nomthwesa isithsaba Yena; kwaye Yena abe nokuva ubunzima aze angcamle ukufa, ukuze aphakanyiselwe phezulu kwakhona. Ukuze Yena abenokumenza Yena i. . .adle ilifa zonke izinto zehlabathi. [Indawo engenanto eteyiphoni—Mhl.]

121 Ngoku, ku—kuMateyu 28:18, sifunda oku. Emva kokuba Wayebethelelwe emnqamlezweni waze wavuka kwakhona kusuku lwesithathu, Wahlangana nabafundi Bakhe waze wabayalela ukuba baye kulo lonke ihlabathi, bayokushumayela iVangeli kuso sonke isidalwa. Wathi, "Onke amandla eZulwini

nasemhlabeni anikelwe ezandleni zaM. Onke amandla eZulwini, onke amandla emhlabeni, anikelwe kuM." Yayiyintoni? Umntu noThixo babehlangene. ULogos wayenziwe inyama kwaye wabulawa, waza wavuka kwakhona ukwenzela ugwetyelo lwethu, waze emva koko waba ngu Imanuweli othanjisiweyo unaphakade kanaphakade. UThixo waguqula indawo Yakhe yokuhlala, ukusuka eTroneni kwizithuba ngaphaya, ukuya entliziyweni yoNyana Wakhe, uKristu uYesu, ukuze ahlale kwaye alawule naphakade. "UThixo wayekuKristu." Usisiphelo sendawo yokuphumla kukaMoya.

122 UMoya uhlala emnqubeni, ngenye imini, niyayazi lonto, phantsi kwentente. "Kwaye uSolomon wamakhela Yena indlu. Kodwa, nakubeni kunjalo, Osenyangweni akahlali kwizindlu ezakhiwe ngezandla." "Kodwa umzimba UNdenzele wona."

123 Ngaphaya kwiNcwadi yeZenzo, isahluko sesi-7, xana wayethetha, wathi, "Bonke baYibona kwantlandlolo. Bamakhela Yena intente, uMoses wayenza, waba nentente, waza wabeka ityeya kuyo, kuba uThixo wayekwiSihlalo seNceba. Wayengahlali phaya." Kulungile.

124 Ngoko, "Umzimba undenzele wona Yena," umzimba weNkosi uYesu Kristu, wenziwa wasilela kancinci kuneeNgelosi ukuze angcamle ukufa; kwaye namnye kuphela oyena ophakamileyo woseNyangweni, uKristu; iNkosana yoXolo, uKumkani wookumkani, iNkosi yenkosi, uMdali wayo yonke inkwenkwezi ehlabathini.

125 Owu uThixo! Waba ngosilele kancinci kunendalo Yakhe, ukuze Abenakho ukuhlangula abantu (ongenakhaya, abangancedakaliyo abantu), abanike ikhaya eZulwini. Washiya uzuko lwaseZulwini. Washiya eliphakeme kakhulu iGama elalinokubizwa. Kwaye xana Wayelapha emhlabeni, abantu baMnika eliphantsi kakhulu igama ababenakho ukulinika Yena, bathi, "Wayelusana olungumgqakhwe, into yokuqala." Ezalelwe estalini, esongelwe ngemirhaji esuswe kumva wedyokhwe yenkabi. Kungekho ndawo yakuya, engenakhaya lakuya kulo. Kwaye wabizwa, "Bhelezabhule," inkosi yamademoni. Waphathwa kakubi. Watsicelwa. Kwahlekiswa ngaye. Waliwa, kwaye waya kwezona zisezantsi iinzonzobila, kwaye wazithoba "Kwelona lingcole kakhulu ihenyukazi." Yilonto abantu abayenzayo kuYe.

126 Kodwa uThixo waMphakamisela phezulu kakhulu ukuze Abenokujongela ezantsi ukubona iZulu. Abantu baMnika esona sihlalo sisezantsi, baMnika eyona ndawo imbi kakhulu, elona liphantsi igama. UThixo waMphakamisa waza waMnika esona siphezulu iSihlalo, kunye nelona liphakamileyo iGama. Lowo ngumahluko oko abantu bakwenzayo ngoNyana kaThixo, noko uThixo wakwenzayo ngoNyana kaThixo.

127 Wazithoba, ukuze sibe nakho ukuphakanyiswa. Waba sithi, ukuze ngobabalo Lwakhe sibenakho ukuba nguYe. Weza kwabangenamakhaya, waza waba ngongenakhaya Yena buqu, ukuze sibenakho ukuba nekhaya. Weza kwabagulayo waza wenziwa ogulayo Yena buqu, ukuze sibenakho ukuphiliswa. Weza kumoni, "waza wenziwa isono, Yena buqu," ukuze sibe nakho ukusindiswa.

128 Akumangalisi aphakanyiswayo. Akumangalisi EnguYe onguYe ngobu busuku. UThixo waMphakamisa, kwaye lonke igunya eZulwini nasemhlabeni linikwa Yena.

129 Xana umsebenzi Wakhe wasemhlabeni wawugqityiwe, apha emhlabeni. . . Weza emhlabeni, kwamsinya wezayo Yena, ikhwezi lokusa lamdandalazisa Yena ukuba nguNyana kaThixo. Wadlikidla lonke idemoni awathi wahlangana nalo Yena. Malisikelelwe iGama leNkosi! Amademoni angcangcazela kwaye adlikidleka, kwaye acela inceba, eBukhoneni Bakhe. Ewe, mhlekazi. Sonke isihogo sayazi yayiNgubani Yena.

130 Wahamba ngokuthobekileyo, Yena wayengenandawo yokubeka intloko Yakhe, kubusuku obunethayo. Kwa ezo zilwanyana awazidalayo Yena, "Iintaka zasesibhakabhakeni zinezindlwana, neempungutya zinemingxunya, kodwa uNyana womntu akanandawo yokubeka intloko Yakhe esikelelekileyo." Ngokuqinisekileyo, wayenjalo Yena.

131 Waba sisono, waba ngothobileyo noshiyiweyo. Kodwa amademoni amazi Yena waye eNgubani. Acela inceba. Athi, "Yini na ukuba Wena uze kusithuthumbisa ngaphambi kokufika kwexesha lethu?" Kwaye ngelixa abashumayeli babembiza Yena, "Bhelezabhule, umvumisi," amademoni ayembiza Yena, "UNyana woThixo ophilayo," kwaye ecela inceba.

132 Owu, indlela esinokuma kuphela nje umzuzu! Ungubani wena, kakade? Yintoni owuthethayo la msebenzi unawo? Okanye yintoni eyithethayo la ndlu incinci esinayo? Yintoni eyithethayo imoto esinayo?

133 Ntombazana encinci entle, wena ntondini enekratshi, yintoni okwakujongeka kuncinci onako ngoku? Nina bafana abanezimenyezelayo, nezicamatheleyo iinwele, amagxa atsolo; niyakugoba ngenye imini, xana nigobile bubudala.

134 Kodwa, mayisikelelwe iNkosi! Ninomphefumlo ozelwe ngokutsha. Niyakuphila naphakade nangonaphakade, ngokuba Yena waba nini, ukuze nina ngobabalo Lwakhe nibe nakho ukuba nguYe, aze anenzele indawo.

135 Owu, thina abacinga sineempahla zokutshintsha, kunye nokumbalwa ukutya endlwini, niyintoni? UThixo angakuthatha kona ngomzuzu. Okona kuphefumla kwenu kubambelele esandleni Sakhe. Kwaye Yena ephakathi kwethu ukuze aphilise abagulayo, avakalise kwaye achaze,

nokuxela kwangaphambili, kwaye lonke ixesha igqibelele. Kwaye ekwakhathala ngokwaneleyo ukubuyisela encinci, efileyo intlanzi ebomini bayo kwakhona, phakathi kwethu. UYehova esingqongile, uYehova engaphakathi kuthi, omkhulu nonamandla uNDINGUYE.

136 Xana Wafayo, bacinga bamfumene Yena. Wehlela esihogweni. Xana Yena washiya umhlaba ngala mini xana Wabethelelwa emnqamlezweni, Yena waya kwimimango yabalahlekileyo. IBhayibhile yathi, "Waya kushumayela kwimiphefumlo eyayisentolongweni, engazange yaguquka ekuzekeni kade umsindo, kwimihla kaNowa." Xana Wafayo, kwaye uMoya Wakhe wamshiya Yena, Waba nguLogos kwakhona. Yena, ndiyabona, wathi, "Ndiphuma kuThixo. Ndibuyela emva kuThixo."

137 Kwaye uThixo wayeyilaNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana entlango. Kwaye xana Wayelapha emhlabeni . . . Naxana Wafayo, Wabuyela ekuKhanyeni kwakhona. UPawulos wambona Yena, kwaye Waye ekukuKhanya. Akukho namnye wabo owambonayo Yena. Bambona uPawulos esiwa. Into ethile yambetha, kwaye YayikukuKhanya. Wathi uPawulos, "Ngubani na Lo ndimtshutshisayo?"

138 Wathi, "Sawule, Sawule, uNditshutshiselani na?"

Wathi, "NguBani?"

139 Wathi, "NdinguYesu, omtshutshisayo, kwaye kunzima kuwe ukukhaba iimviko."

140 Emveni koko wahamba waya kufundisisa okwa kuKhanya. UPawulos wabuyela eBhayibhileni, ukuya kufumanisa kwakuyintoni okwa kuKhanya. Kwaye wabhala le Leta. UkwanguYehova omnye. Okwa kuKhanya kwakusentlango kunye nabantwana bakaSirayeli. Kwaye xana uPetros wayesentolongweni, Waye ekukuKhanya okwangenayo kwaze kwavula iminyango.

141 Kwaye ngobabalo Lwakhe, ze kungabikho namnye uyakuba nokuzithethelela . . . Owu, ukuba banokulibala abathunywa abangafundanga, baze bakhumbule: asingomthunywa, nguMyalezo. Wehlile kwakhona, ukuba nathi, kwimo yeNtsika yoKukhanya. Kwaye Yena uhamba ngemimangaliso Yakhe ekwaminye nemiqondiso, akukho nanye into engaphandle kweBhayibhile; ukuhlala kanye neBhayibhile, eyibambe phantsi kolawulo, esizisa uzuko Lwakhe, ebonisa amandla Akhe. Malisikelelwe iGama Lakhe elingcwele!

142 Ndiyayazi nifanele nicinge ukuba ndiphambene; kodwa, owu, oluya lusikelelekileyo uPhumlo Lwaphakade olusemphefumlweni wam, nokuba iinqwithela zingavuthuza, i-ankile yam ibambile ngaphakathi kokhuselo.

143 Kwaye ukubona Yena xana Wafayo, de, inyanga yafiphala. Ilanga latshona embindini wemini. Kwaye xana Waya kwimimango yabalahlekileyo, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza amatyeli amane epulptini—Mhl.] wankqonkqoza emnyango, laza icango lavuleka ngamandla. IBhayibhile yathi, "Washumayela kwimiphefumo esentolongweni, engazange iguquke ekuzekeni kade komsindo kwimihla kaNowa," emveni kokuba Efile kulomhlaba. Mzalwana wam, dade wam, xana Wafayo, umsebenzi Wakhe wasemhlabeni wawugqityiwe, kodwa Wayesasebenza. Kwaye Usesemsebenzini ngobu busuku. Amen.

144 Wankqonkqoza eminyangweni yabalahlekileyo. IBhayibhile ithi Wayenza. Kwaye Wangqina, "NdiyiMbewu yomfazi. NdinguYe awathetha ngaye u-Adam. NdinguLowo awathi u-Enoki uyakuza kunye namashumi amawaka abangcwele Bakhe. NdinguNyana woThixo ophilayo, kwaye nonile wadlula umhla wenu wobabalo. Kodwa kwakuprofetiwe kuni, ngazo izithunywa, u-Enoki, uNowa, ukuba kufanele ndize kuzalisekisa lonke iLizwi leBhayibhile kaThixo. Ndilapha njengengqina kulo 'mhlaba wabalahlekileyo.'" Kwaye Washumayela kubo.

Ukwehla ukuyakungena esihogweni Yena waya, kanye ezantsi kumasango esihogo, wankqonkqoza emnyango. Umtyholi wavula ucango, wathi, "Ndikufumene Wena ngoku."

145 Wathi rhuthu izitshixo ecaleni lakhe, wathi, "Wena mtyholi, ubugrogrisa ixesha elide." Nantsi apha, kanye apha eBhayibhileni. Ndizakufika kuyo emzuzwini. "Ube ugrogirsa ixesha elide, kodwa Ndizile ukuza kukubhukuqa." Waxhakamfula ezo zitshixo waza wamkhabela wambuyisela ngaphakathi, wavala ucango.

Waphuma waza wachola u-Abraham, u-Isake noYakobi. Ngomhla wesithathu Wavuka, kwaye abo babelele engcwabeni bavuka kunye naYe. Owu, haleluya! Akumangalisi yathi imbongi:

> Ngokuphila, Wandithanda; ngokufa, Wandisindisa;
> Ngokungcwatywa, Wathwalela izono zam kude;
> Ekuvukeni, Wagwebela simahla naphakade:
> Ngenye imini Uyakuza—owu, imini ezukileyo.

146 Lisikelelekile iqhina elibopha iintliziyo zethu ngobudlelwana bobuKristu, uthando lukaThixo. Xana Wavukayo, Wayengagqibanga, noko. Wayesenomsebenzi okwakufuneka ewenzile.

147 IBhayibhile yathi, "Wenyukela eNyangweni waza wabapha izipho abantu." Kwakukho isimo sindanda phezu komhlaba, sobumnyama, sokudakumba, sokufa, nokudubeka. Imithandazo yayingenakho ukwenyukela, ngokuba iSicamagushelo sasingekenziwa. Kodwa, Waphumela kwelakhuselo. Wavula

indlela. Waphula ikhuselo lesigulo. Waphula ikhuselo lesono. Waphula ikhuselo lokudubeka. Waphula ikhuselo lokudakumba. Waphula lonke ikhuselo, waza wenza indlela ephakamileyo ukwenzela umhambi, ehamba enyukela kwindlela ephakamileyo yoKumkani. Owu, bethu, xana Wegqitha inyanga neenkwenkwezi, ukuqhubeka nokuqhubeka!

148 Ukulandela, ngasemva Kwakhe, kweza abangcwele beTestamente Endala, u-Abraham, u-Isake noYakobi. Bemka baya ngqo phezulu emazulwini eZulu. Xana babekude ukusuka eSixekweni, ingathi ndiyababona bephakamisa amehlo abo. Wathi u-Abraham, "Esiya siSixeko endandinqwenela ukusibona. Owu, yiza apha, Isake. Yiza apha, Yakobi. Owu, sasingabaphambukeli nabasemzini basemhlabeni, kodwa nasiya iSixeko. Nasiya eSiya esasisilindile."

149 Kwaye iBhayibhile ithi bandanduluka, "Phakamisani, nina minyango yaphakade, niziphakamise, kuba uKumkani woZuko uyangena."

150 Kwaye iiZithunywa ngasemva kwamasango zadanduluka ziphendula kwezi zithunywa emva apha, zathi, "Ngubani lo Kumkani woZuko?"

151 Zaza izithunywa khona apha, abaprofeti, bathi, "INkosi yeMikhosi, iGorha emfazweni."

152 Kwaye bacinezela amaqhosha laza icango elikhulu lavuleka. Kanye ezantsi ngawo umbindi wezitrato Weza, UMeyisi, uloyiso, kunye nabangcwele beTestamente Endala behamba emva Kwakhe. Wahlala phantsi eTroneni, wathi, "Bawo, naba apha. BangabaKho."

153 Wathi, "Khwela unyukele apha kwaye uhlale phantsi, Ndide iintshaba Zakho zonke ndizenze isihlalo seenyawo Zakho." Njengoko sifunda, sifumana oko khona apha kwiSibhalo. Kulungile.

154 Phulaphulani. Kuba ngoku sikumqolo wesi-8:

> Ekubeni e*zibeke zonke izinto phantsi* kwee*nyawo zakhe. Kuba . . . wazibeka zonke* izinto *phantsi* kweenyawo zakhe*, akashiyanga nto engekho . . . phantsi kwakhe. Kodwa ngoku asiboni . . . zonke izinto zibekwe phantsi kwakhe.*

Oko kukuthi, ukufa. Asikuboni ukufa, okwangoku, ngokuba sisafa. Sibona ukufa.

Kodwa, umqolo wesi-9, "Kodwa sibona uYesu!" Amen. Phulaphula.

> *. . . sibona uYesu, owenziwa wasilela kancinane kunezithunywa ukwenzela ukuva ubuhlungu bokufa, ethwesiswe uzuko nembeko; ukuze yena ngobabalo*

lukaThixo abe nokungcamla ukufa ukwenzela wonke umntu.

Kwakutheni wenziwa wasilela kancinane kuneZithunywa? Ukuze Yena abe nokungcamla ukufa. Kwafuneka afe. Kwafuneke eze, ukuze afe.

155 Khangela apha, sihlobo. Musa, ungaze ukulibale oku. Xana uYesu wayehamba, enyuka induli, ukufa kwakubhubhuzela kujikeleza intloko Yakhe.

156 Masithabathe umfanekiso wethu siwuse eYerusalem, amawaka amabini eminyaka eyagqithayo. Kwaye ungaYala njani? Ndiva isandi sisiza ngestrato. Yintoni? Kukubhampa kwento ethile. Ngumnqamlezo omdala orhabaxa usihla, uphuma kumasango eDamasko, ubhampha phezu kwamatye endlela. Wona lomatye endlela amakhulu asephaya. Ubhampa phezu kwalamatye endlela makhulu, ukubhampa-bhampa. Ndibona ukutshizeka kweGazi estratweni. Yintoni? YiNdoda engenzanga lugonyamelo; akukho nto kuphela kokulungileyo. Abantu babemfamekile. Babengamazi Yena. Babengamqondi Yena.

Uthi, "Bemfamekile? Ingaba babenokuba nako ukubona kwabo?"

157 Usengaba nako ukubona kwakho uze ubeyimfama. Uyayikholwa lonto? IBhayibhile itsho njalo. Khumbula u-Elisha ezantsi eDothan? Waphuma wababetha abantu ngobumfama, wathi, "Ngoku ndilandeleni." Babemfamekile kuye.

158 Kwaye abantu bamfamekile ngobu busuku. Ibandla elithile elingakholelwayo kwimpiliso eNgcwele, benyuka beza kum ngelinye ixesha, baza bathi, "Ndibethe ndibe yimfama. Ndibethe ndibe yimfama." Kwakusendlwini kaMzalwana uWright. Yathi, "Ndibethe ndibe yimfama." Yathi, "UPawulos wabetha indoda ngobumfama, ngelinye ixesha." Yathi, "Ndibethe ndibe yimfama."

159 Ndathi, "Sihlobo, umtyholi seleyenzile lonto. Sele uyimfama. Ngokuqinisekileyo, unjalo."

160 Yathi, "Philisa le ntombazana kwaye ndiyakukukholelwa."

161 Ndathi, "Sindisa la moni kwaye ndiyakukukholelwa." Ngokuqinisekileyo.

162 "Owu," yathi, "ifanele ikholwe."

163 Ndathi, "Into ekwanye apha, ifanele ize ngobabalo oluzimele geqe lukaThixo."

164 Umtyholi, u—uthixo weli hlabathi, uwamfamekisile amehlo abantu. "Banamehlo kodwa abanakho ukubona," itshilo iBhayibhile.

165 Nanku Wayelapha, enyuka ngesitrato, etsala imizila yenyawo yeGazi endleleni ukwenyuka. I*nyosi* yokufa yayinqola ecaleni Kwakhe, ibhubhuzela kuYe, "Nje ithutyana

ndiyakumfumana Yena." Wayesiba buthakathaka, enxanelwa amanzi.

166 Ndakhe ndadutyulwa kwakanye, ndilele phezulu apha edlelweni, igazi limpompoza nje ukuphuma kum. Ndakhalela amanzi. Kwaye umhlobo wam wabaleka, wathabatha ikepusi yakhe wayifaka emanzini; amadala adamileyo, oonojubalala emanzini. Weza ngapha, kwaye ndavula umlomo wam; wakhama okuya. Ngokuba, igazi lalitsitsa njengomthombo, apho ndandidutyulwe ndizizijungqa ngompu. Ndinxaniwe!

167 Ngoko ndiyayazi oko iNkosi yam ekufanele yayikuko, emva kokopha yonke la ntsasa, ukusuka kwintsimbi yesithoba ukuya kutsho kwintsimbi yesithathu ngorhatya, iphulukana nalo lonke elaGazi. Ndibona ingubo Yakhe, kuqala, nje ngamachaphazana amancinci kuyo. Kwaye onke wona amachaphazana aqalisa ukuba makhulu aze adibana, enza esikhulu isibhaxo seGazi, imbetha Yena emilenzeni njengoko Wayehamba hamba. Elo yayiliGazi lika Imanuweli. Owu, umhlaba wawungaLifanelanga.

168 Kodwa njengoko Yena wayenyuka, le *nyosi* inqola ecaleni Kwakhe. Yintoni eyayenzayo? Ekugqibeleni yanqolo kuYe.

Kodwa, mzalwana, nabani na uyayazi, ukuba isinambuzane okanye inyosi, ukuba ikhe yakunqola kwakanye, oko kuwugqibile umsebenzi wolwamvila. Ayinakho ukunqola kwakhona. Ngokuba, xana ishiya, itsala ulwamvila lwayo ilikhuphe.

Eso sisizathu uThixo kwafuneka enziwe inyama. Wathabathela ulwamvila lokufa enyameni Yakhe, waze Yena watsala wakhupha ulwamvila lokufa. Malisikelelwe iGama leNkosi! Ukufa kungabhubhuzela kunqole, kodwa akunakukwenzakalisa.

169 UPawulos, xana wakuva okwakubhubhuzela kwala *nyosi* ecaleni kwakhe, ukufa kwakusiza ngqo. Wathi, "Owu kufa, luphi na ulwamvila lwakho?" Wayenokhomba eKhalvari apho lashiywa khona enyameni ka Imanuweli. "Luphi uloyiso lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo osinike uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu." Ewe.

170 Asiboni zonke izinto.

> *Kodwa sibona uYesu, owenziwa wasilela kancinane kunezithunywa ukwenzela . . . ukuva obunzima ngokufa, . . .*
>
> *Kuba* bekumfanele *lowo, ezingenxa yakhe zonke—zonke izinto,* ukuba *ngaye sibe nazo zonke izinto,* ekuqaleni . . . *oonyana abaninzi* . . . kwaye enziwe imbangi *yosindiso lwethu* . . . ngeentlungu.

Indlela ekuphela kwayo Awayenokuba nguMphathi wosindiso lwethu, kwafuneka Yena eve ubunzima.

171 Phulaphulani kula Mazwi mahle apha ngoku. Ngoku phulaphulani.

Kuba lowo ungcwalisayo nabo bangcwaliswayo bonke ba . . . kumnye: . . .

Owu, aniwuboni uMdiliya kunye neSebe phaya? Konke kukunye.

. . . *ekungenxa yesi sizathu engenazintloni* ukubizwa *ngabazalwana,*

Yabona? Kutheni? Phulaphulani, umqolo olandelayo.

Esithi, Ndiyakulixela igama lakho kubo abazwalwana bam, ndivume phakathi kwebandla imibongo *yokudumisa wena.*

Abuye kwakhona, Ndiya kukholosa ngaye. Abuye athi, Yabonani mna nabantwana ondinike bona wena.

Ekubeni *ngoko abantwana abo bengamadlelana naye ngenyama negazi, wathi naye ngokwakhe ngokukwanjalo wabelana nabo ngezo zinto; ukuze ngako* u*kufa ambhangise lowo* una*mandla okufa, oko kukuthi, umtyholi;*

Abakhulule ebukhobeni abo babethe ngako . . . kuba u . . . *ngako* . . . u*kufa* kwakusoloko kubenze *izisulu* eku*khonxweni.*

172 Umntu wasoloko ekoyika ukufa. UKristu waba sisono, wenziwa wasilela kancinci, ukuze athabathele ukufa phezu Kwakhe. Kwaye Akoyiki ukubizwa "uMzalwana," wethu kuba Yena walingwa kanye njengokuba silingwa. Kwaye Wenza i . . . ukuba abe luhlobo olulungileyo lomthetheleli, kuba Wamelana nohlobo olunye lwesihendo omelene naso. Kwaye Wathabatha indawo yakho, esazi ukuba ubungenakuyithatha ngokwakho.

173 Ke, akuboni, mzalwana, dade? Into yonke lubabalo. Yonke lubabalo. Asikuko oko ukwenzayo, kakade. Koko asele ekwenzele kona Yena. Ngoku, akunakwenza nenye into ukwenza usindiso lwakho ulufanele. Usindiso lwakho sisipho. UKristu waba sisono, ukuze ubenokuba lilungisa. Kwaye Yena uluhlobo olulungileyo loMphathi oMkhulu wosindiso lwethu, ngokuba weva ubunzima Yena njengohlobo esava ngalo ubunzima. Walingwa njengohlobo esilingwa ngalo. Kwaye Yena akanazintloni zokubizwa "uMzalwana wethu," ngokuba Yena uyakwazi oko sidlula kuko. Owu, malisikelelwe iGama Lakhe!

Kuba akathabathelanga kuye isimo *sezithunywa; kodwa wathabathela kuye imbewu ka Abraham.*

174 Owu, bethu! Akazange abe yiNgelosi. Waba yiMbewu ka Abraham. "Kwaye thina, ekubeni sifile kuKristu, saba yiMbewu ka Abraham, kwaye sizindlalifa ngokwedinga." Yabona? Akazange athabathe isimo seNgelosi. Akazange

abe yiNgelosi. Waba nguMntu. Waba yiMbewu ka Abraham, waza wathabathela ulwamvila lokufa enyameni Yakhe Buqu, ukusixolelanisa asibuyisele kuThixo, kwaye ngoku uhleli phaya enguMthetheleli. Bethu, singaYala njani, sihlobo?

175 Phulaphula.

> *Ekuthe ngoko kwizinto zonke kwamfanela ukuba enziwe afane nabazalwana bakhe, ukuze abe ngonenceba kwanombingeleli omkhulu othembekileyo kwizinto ezimalunga noThixo, ukuze enze uxolelaniso . . . i*sono *sabantu.*

176 Ukuze Yena abe nguMxolelanisi! Yabona, kwakukho ubutshaba phakathi koThixo nomntu. Kwaye akukho mntu . . .

Bathumela izithunywa, abaprofeti. Zazingenakho ukuthabatha indawo yakho, ngokuba kwakufuneka bazithandazele bona. Babengenakho ukuthabatha indawo yakho.

177 Ngoko, Wathumela umthetho. Umthetho wawulipolisa elasifaka ejele. Wawungenakho ukusikhupha. Wathumela umthetho.

Wathumela abaprofeti, Wathumela amalungisa nayo yonke into, ingenakho ukwenza isicamagushelo. Kodwa Yena wehla waza waba ngomnye wethu. Owu bethu!

178 Ndinqwenela besinelininzi ixesha kanye ngoku, Bendingathanda ukunisa kula mthetho wentlangulo; kodwa asinalo, kodwa nje ithutyana. Umfanekiso omhle ukuRute noNahomi. Ukuba uyakubona phaya, uxolelaniso, indlela athe umlimi, indoda ekwakufuneka ihlangule elilahlekileyo neliwileyo ilifa, kwakufuneka abe ngosisizalwana kumntu othe walahlekana nelifa. Eso sisizathu uBhowazi kwafuneka abe . . . wayesisizalwana kuNahomi, ukuze abe nokufumana uRute. Kwaze emva koko, kwafuneka abe ngofanelekileyo. Kwakufuneka abe nako ukuyenza lonto, ukuhlangula okulahlekileyo. Kwaye uBhowazi, esangweni, wanika ubungqina basesidlangalaleni, ngokukhaba akhulule isihlangu sakhe, ukuba ube nokuhlangula uNahomi kunye nako konke okulibango lakhe. Kwaye kwafuneka abe sisizalwana.

179 Kwaye eso sisizathu sokuba uKristu, uThixo, kwafuneka abe sisizalwana kuthi. Kwaye Yena wehla waze waba nguMntu. kwaye Yena wava ubunzima ngokulingwa. kwaye Yena wahlekwa, wenziwa intlekisa, watshutshiswa, akakhathalelwa, kwaye wabizwa "Bhelezabhule," kwaye—kwaye wagculelwa, waze wava ubunzima ngokufa phantsi kwesohlwayo sokufa. Yabona? Kwafuneka abe sisizalwana kuthi. Kwafuneka atyholwe ngobuxoki, ngokuba utyholwe ngobuxoki. Kwafuneka athwale isigulo, ngokuba uyagula. Kwafuneka athwale izono, ngokuba yayizizono zakho. Kwaye kwafuneka Abe sisizalwana. Indlela

ekuphela kwayo Awayenakho ukusihlangula yayikukuba abe sisizalwana kuthi. Kwaye indlela Yena awaba sisizalwana, kukuthabatha isimo senyama esisono aze abe ngomnye wethu. Kwaye kokuya, Yena wahlawula ixabiso waza wasihlangula wasibuyisela ebudlelwaneni bukaBawo. Owu, onjani uMsindisi! Amazwi awanakuyivakalisa.

> *Kuba ekubeni eve ubunzima ehendiwe,* . . . kwaye *unakho ukubasiza abo abahendwayo.*

180 *Usizo* luthetha u "kuvelana." Okokuba, isizathu Yena waba *koku,* ukuze Yena abe novelwano nawe o . . . on*amahla*-nde-*nyuka* akho, kwaye *ubugocigoci* bakho obuncinci, kunye nezihendo zakho ziba zikhulu kubenzima ukumelana nazo. Uyayazi indlela yokuvelana nawe. Uhlala phaya, ukwenza ungxengxezo. Uhlala phaya, ukuba akuthande. Kwaye nangona ulahleka, Akasayi kukulahla. Uyakulanda futhi ekhondweni lakho aze ankqonkqoze entliziyweni yakho. Akukho mwi esakhiweni kuphela koko akwaziyo ukuba uThixo unkqonkqoza entliziyweni yakho imihla yonke. Kwaye Yena uyakuyenza oko usengofayo kulomhlaba, kuba Yena uyakuthanda. Wakuhlangula.

181 Iimbongi zizamile, ababhali bazamile, amadoda ayazama ukuvakalisa esasihloko so "thando," kwaye alunakufumaneka ekuvakaliseni kwabantu. Omnye wathi:

> Owu, uthando lukaThixo, indlela olutyebe nolunyulu ngayo!
> Indlela elingenakuqiqeka nelomelele ngayo!
> Liyakuma ngonaphakade,
> Ingoma yabangcwele neeNgelosi.
>
> Ukuba besine inki ulwandle lugcwele,
> Kunye nezibhakabhaka ngocwecwe zenziwe;
> Lonke ukhuni emhlabeni usiba lokubhala,
> Kwaye wonke umntu engumbhali ngesakhono;
> Ukubhala uthando lukaThixo ngasentla
> Bekuyakufunxa ulwandle lome;
> Okanye linganakho icwecwe ukuthabatha konke,
> Nokuba lingatwezwa ukusuka kwisibhakabha ukuya kwisibhakabhaka.

182 Anisokuze niqonde. Akukho ndlela yokuba thina sibe nokuqonda indlela eladini likhulu, awalenzayo Yena, wehla waza wasixolelanisi wasibuyisela kuThixo. Emva koko Wabuyela emva waza wathi, "Ngoku, Andiyi kunishiya ningenamthuthuzeli. Ndiyakuza kwakhona ndize ndibe nani, nangaphakathi kuni, kude kuse ekupheleni kwehlabathi."

183 Kwaye silapha namhlanje, siphila esiphelweni sexesha, kunye noYesu okwamnye, izinto ezikwazinye, imiqondiso ekwaminye, imimangaliso ekwaminye, usindiso olukwalunye,

uMoya okwamnye usenza izinto ezikwazinye, iVangeli ekwanye, iLizwi elikwalinye, izibonakaliso ezikwazinye, ukubonakalalisa okukwakunye, yonke into. Kusifanele thina ukuba singahilizeli olu sindiso lukhulu, kuba kuyakufuneka sinike ingxelo, ngenye imini, ngoko esikwenzayo ngoNyana kaThixo.

184 Usezandleni zakho ngobu busuku, moni, mgwiliki. Yintoni ozakuyenza ngaYe? Uthi, "Kulungile, ndiyakuLibeka ecaleni." Kodwa, khumbula, sukukwenza oko. Akukho ndlela, konke konke, ukuba ungumoni, yokuba unokushiya esi sakhiwo uze ube yinto enye. Akunakuyenza lonto.

185 UPilato, ngobunye ubusuku, wazama ukuyenza. Wabiza amanzi waza wahlamba izandla zakhe. Wathi, "Andinanto yakwenza naLo. Ndisengendlela ekwanye ngathi andizange ndiLibone. Andizange ndiyive iVangeli. Andifuni nanto yakwenza ngaYo." Ingaba wabanakho yena ukuYihlamba ezandleni zakhe? Wayengenakho.

186 Ekugqibeleni, uyayazi kwenzeka ntoni kuPilato? Waphulukana nengqondo yakhe. Kwaye phezulu lee eSwitzerland, apho sasikhona kunyaka ogqithileyo, sishumayela iVangeli, ngoku phaya kukho igqala elidala elathi, ukuba, kukho iqula lamanzi phaya, apho abantu bezayo ukusuka kwihlabathi lonke, ukuza kubukela, qho ngonyaka, ngexesha lokubethelelwa. UPilato, wazilahlela ekufeni, ngokuzibulala, ukutsibela kulamanzi azitshonise. Kwaye qho ngonyaka, ngolwa suku lunye, amanzi aluhlaza ayabila kwelaqula, ukubonisa ukuba uThixo wawala amanzi. Amanzi awasokuze ahlambe iGazi likaYesu alisuse ezandleni zakho okanye emphefumlweni wakho. Inye kuphela indlela yokuyenza, kukwamkela Lona njengoxolelo lwakho uze uxolelaniswe noThixo.

Masithandazeni.

187 Bawo waseZulwini, sibulela Wena ngobu busuku ngeLizwi. "Kuba ukholo luza ngokuva, kwaye ukuva iLizwi." Sibulela Wena ngoYesu. Kwaye njengoko sibona le mini inkulu esiphila kuyo, indlela imiqondiso nemimangaliso, indlela esiyeka ezi zinto ziphuncuke. Thixo, vula amehlo abantu kulo mnquba, ngobu busuku, okokuba babe nokubona kwaye baqonde ukuba sikwiiyure zokugqibela. Ixesha lifutshane. Asinalo elingako ukuba lide lokubalapha, kwaye kuyakufuneka sibone uYesu. Kwaye kuyakufuneka sibalelwe njengabangcatshi, kuba akukho kuzithethelela. Ngale ntsasa, xana Wena wanikeza lowa mkhulu, unamandla umbono, wala ndoda isiza apha, isuka kude ephandleni ngaphaya; kwaye nokuyibona, ngaphezu kwentandabuzo, iphakama kwesasitulo samavili, isamkela ukubona kwayo. Iimilenze yayo isomelela, ukuhla ukunqumla isakhiwo, ivuya kwaye idumisa uThixo. Ibonakalisa ukuba uThixo usenakho ukuvusela u-Abraham abantwana kula matye.

Ukubona imibono, njengoko watshoyo uYesu, "Andenzi nanye into de uBawo aNdibonise. Andinakwenza nto."

188 Indoda eyimfama yaMlandela, yaze yathi, "Yiba nenceba kuthi."

189 Wathi, wachukumisa amehlo abo waze wathi, "Ngokokholo lwenu, makubenjalo kuni."

190 Ngoku, Nkosi, sibona uYesu. Asiboni zonke izinto. Siyabona sisathabathela engcwabeni abangcwele bethu, kwaye sihambe phezu kwelomnye nelomnye ingcwaba. Kodwa sibona uYesu, owenze isithembiso. Sibona Yena enathi. Hayi uYesu engcwabeni, hayi uYesu amawaka amabini eminyaka eyagqithayo; kodwa uYesu ngobu busuku, okunye nathi. Sibona Yena ebonakaliswe kuwo onke amandla Akhe, kunye nemiqondiso, nemimangaliso.

191 Thixo, sanga singangaze siluhilizele oluSindiso lukhulu. Kodwa sanga singaLwanga, kwaye siLwamkele, kwaye sihloniphe, size siphile ngaLo ide ibe yimini aza ngayo uYesu ukusithabathela eKhaya. Siphe yona, Nkosi. Sikucela oko eGameni Lakhe.

192 Kwaye ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe, andazi nokuba kukho umntu esakhiweni ngobu busuku, phantsi koBukhona obuNgcwele bukaMoya oyiNgcwele, oyakuthi, "Mzalwana uBranham, ndoyisekile ukuba andilungisanga. Ndoyisekile ukuba andilungisanga. UThixo utyhilile kum izono zam. Kwaye ndiyayazi ukuba andilungisanga. Ndiyakuphakamisela isandla sam kuYe ndicele inceba, ngobu busuku. Thixo, yiba nenceba kum. Andilungisanga." Ungayenza lonto?

193 Ngelixa silinde nje umzuzu, ukuba kukho umntu apha ofunayo, kukho ubhaptizo oluzakwenzeka nje ethubeni. Kwaye ukuba ungumoni, bendiyakuguquka. Ungalwalwa njani olungako ukungathelekiseki uthando lwaLowo wafayo? UThixo oyingcwele weZulu waba yiNdoda engumoni; hayi ngokuba Wona, kodwa ngokuba Yena wayenezono zakho, kwaye wazithwalela phaya eKhalvari. Kwaye akuyi kulammeka na olwaxolelo? Akunakuyenza lonto ngobu busuku? Ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe, omnye othile uthi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham. Ndiphakamisela izandla zam kuKristu, kwaye ndithi, 'Yiba nenceba kum. A—andinlungisanga, kwaye ndifuna ukuxolelwaniswa noThixo.'" Ungaphakamisa isandla sakho?

Kulungile, ukuba wonke umntu ngumKristu, ngoko, masithandazeni.

194 Bawo, sibulela Wena ngobu busuku, okokuba bonke abantu apha ngamaKristu, okokuba bangqinile okukwakunye ngokuzola, okokuba izono zabo zonke ziphantsi kweGazi. Kwaye

ndinombulelo ngako oko. Basikelele, Nkosi. Owu, ndivuya kakhulu ngokuba befumene uxolelaniso ngokunikezelwa kweGazi, ngokuva iLizwi. Ukuhlanjwa ngamanzi, ngeLizwi, Liyasicoca. Lisizisa kweyona ndawo inkulu, apho—apho umoni, kunye nobubi ubumnyama, benziwa bubemhlophe okwekhephu. Amabala angqombela esono ahlanjiwe, kwaye sizizidalwa ezitsha kuKristu. Indlela esikubulela ngayo okuya, Wena, ngako oku.

Ngoku inkonzo yobhaptizo iyeza. Ndiyaqonda ukuba eli nenekazi liselitsha, ngobu busuku, lizakubhaptizwa ezantsi apha, eGameni leNkosi yalo.

195 Owu Bawo waseZulwini, siyathandaza ukuba Uyakusikelela lomfazi usemtsha. Indlela ingcinga yam ebuyela ngayo emva kwiintsuku nje ezimbalwa ezigqithileyo, ukuza eHenryville kunye nokubona leya ithandekayo incinci intombi izula phaya estratweni. Kwaye ngobubusuku, ingunina, inenekazi. Yamkele Wena njengoMsindisi wayo. Ubomi buye banzima kumntwana, Nkosi, Owu Thixo, kodwa iZulu liqinisekile ngaye. Kwaye sibulela Wena ngako okuya. Siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusikelela umfazi osemtsha ngoku. Kwaye njengoko esiza kubhaptizwa ngamanzi, wanga Ungamzalisa ngoMoya oyiNgcwele kaThixo. Siphe oko, Nkosi. Wanga umphefumlo wakhe ungachulumanca nje kangako, ukuya eMazulwini! Siphe oko ukwenzela uzuko Lwakho. Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

196 [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] Ndifuna ukufunda ukusuka kwiZenzo, isahluko sesi-2; UPetros ethetha, ngoMhla wePentekoste, ubhaptizo lokuqala olwakhe lwenziwa kwiBandla lobuKristu. UPetros, ekhalimela abaFarisi nabantu abazimfama, ngokungaqondi uNyana kaThixo; ethetha ngendlela awathi uThixo wamvusa ngayo Yena, waze waqondakalisa imisebenzi Yakhe, ngemiqondiso nemimangaliso emikhulu. Phulaphula koku, njengoko wayethetha. Wayephakamisa uYesu.

197 Wonke umoya womKristu uphakamisa uYesu, hayi kuphela ngemilebe yakhe, kodwa ngobomi bakhe. Imilebe yakho ingatsho into enye, ubomi bakho butsho engenye. Ukuba uyakwenza oko, uyayazi ukuba yintoni? Kukuhanahanisa. Kwaye ndixolele ukujongana neZulu njengongakholelwayo kubukho bukaThixo kunomhanahanisi. Ndiyakuthatha ithuba lam ngcono, ndiyakholwa, eZulwini, njengo—njengongakholelwayo kubukho bukaThixo, kunokuba ngumhanahanisi. Ndiqinisekile . . . Ukuba uyangqina ngoYesu kwaye uthi "UnguMsindisi," wena phila ngolwahlobo, kuba abantu bazakulindela kona kuwe. Injalo lonto. Wena phila njengomKristu afanele aphile. Sigqithile kokuya ngale ntsasa.

198 Ngoku, iNkosi ithandile, ngomso ebusuku, okanye . . . ngoLwesithathu ebusuku, sithabatha esisahluko sesi-3, esisesimangalisayo isahluko. Kwaye ngoku, qiniseka ukuzama ukuza ngoLwesithathu ebusuku. Bangaphi abayonwabeleyo leNcwadi, yemfundiso yesi sikolo seCawa? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, enkosi kakhulu. Kuhle oko.

199 Ngoku, ndifuna ukufunda ngoku kwiZenzo, isahluko sesi-2, ukuqalisa kumqolo wama-32.

> *LoYesu uThixo* wa*mvusa, esingawo a . . . mangqina.* (Babeyazi.)
>
> *Ephakanyisiwe ngoko sisandla sokunene sikaThixo, elamkele kanjalo idinga loMoya oyiNgcwele kuBawo, Uthulule oku, nikubonayo ngoku kwaye nikuva.*

200 Ngoku phulaphulani kuye ethetha malunga noDavide, esinye sezithunywa.

> *Kuba uDavide enganyukanga waya* ezulwini*: kodwa* wathi *ngokwakhe, uYEHOVA wathi kwiNkosi yam, Hlala ngasekunene,*
>
> *Ndide* iintshaba zakho *ndizenze isihlalo seenyawo zakho.*

UDavide ube engenakunyuka; wayephantsi kwegazi lamathokazi eenkomo, neebhokhwe, neegusha. Kodwa ngoku wayengavuka; wayephantsi kweGazi leNkosi uYesu. Kuba ayephendula kuphela kwelaGazi xana beLiyakuza ngamandla. Xana iGazi likaKrsitu lisiza ngamandla, bonke abo bafa bekwinceba, bavuka, injalo lonto, baza benyukela eLuzukweni.

201 Ngoku phulaphula.

> *Ngoko mayazi yonke indlu kaSirayeli . . .* (Phulaphulani.) . . . *ukuthi uThixo wamenza kwayena* lo *Yesu, ena . . . mbethelelayo emnqamlezweni nina, iNkosi noKristu.*

Malunga naphi nokuya? Ingaba Yena nguMntu wesithathu kubutriniti, okanye Yena bubutrinity bubonke? Yena yinzaliseko yonke yentlokobuThixo, isemzimbeni.

202 Akukho nto injalo njengooThixo abathathu: UThixo uBawo, Thixo uNyana, noThixo uMoya oyiNgcwele. Oko akukho nkqu naseSibhalweni, naphina. Ayikho naphina. Akukho naphina apho sakhe sayalelwa ukubhaptiza, "Egameni loYise, nasegameni loNyana, nasegamani loMoya oyiNgcwele," hayi ayikho naphina eZibhalweni. Yimvumo nkolo yobuKatolika, kwaye ayiyo eyebandla lobuProtestanti. Ndiyakubuza nabani andibonise sibe sinye iSibhalo apho nawuphi umntu wakhe wabhaptizelwa nangayiphi enye indlela kunaseGameni leNkosi uYesu Kristu. Yiza, yibonise kum, kwaye ndiyakubeka uphawo kumhlana wam, "Umhanahanisi, nomprofeti wobuxoki,

umfundisi wobuxoki," ndize ndihambe ngezitrato. Akukho nto injalo. Zange kwabakho nawuphi umntu owakhe wabhaptizelwa ngala ndlela. Yimvumo nkolo yobuKatolika, kwaye ingeyiyo imfundiso yobuProtestanti.

203 "UMateyu 28:19," nithi, "UYesu wathi, 'Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizifundise zonke izizwe, nibabhaptizele eGameni likaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.'" Oko kunjalo.

Kodwa hayi, "Egameni loYise, gameni loNyana, gameni loMoya oyiNgcwele." I*Gama* likaYise, i*Gama* (hayi magama), likaYise . . .

UYise asilogama. Bangaphi abakwaziyo oko? Bangaphi ooyise abakhoyo apha? Phakamisani izandla zenu. Bangaphi oonyana abalapha? Phakamisa isandla sakho. Bangaphi abantu abalapha? Phakamisani izandla zenu. Kulungile. Ngoku, ngubani igama lakho? Hayi yise, nyana, nokuba umntu.

204 Umfazi wathi kum ngelinye ixesha, owayengongqongqo okholelwa kwisithathu, wathi, "Mzalwana uBranham, kodwa uMoya oyiNgcwele ligama."

205 Ndathi, "UMoya oyiNgcwele asilogama, UMoya oyiNgcwele yinto Oyiyo. Ng*u*Moya oyiNgcwele, hayi igama, yilonto Ayiyo. Ndingumntu, kodwa igama lam asingomntu, igama lam nguWilliam Branham."

206 Ke, ukuba Yena wathi, "Hambani ngoko, nizifundise zonke izizwe, nibabhaptizele e*Gameni* likaYise, nelikaNyana, nelikaMoya oyiNgcwele," emva koko uPetros, ishumi leentsuku kamva, wathi, "Guqukani," ngoku, apha, phulaphlani koku:

> Kwaye *bathe ke bakukuva oku, bahlabeka entliziyweni yabo, baze bathi kuPetros na . . . kwabanye abapostile, Madoda nani bazalwana, sithini na?*
>
> *Uthe ke uPetros kubo, Guqukani,* nonke ngabanye, nize *ni*bhaptizelwe *egameni le*Nkosi *uYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, naye* niya*kusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele.*

207 Ngoko ingaba uPetros wenza oko uYesu wayemxelele ukuba angakwenzi? Wayengabhidekanga, sithi ababhidakeleyo.

208 KwiZenzo isi-2:38, amaYuda ayebhaptizelwe eGameni leNkosi uYesu Kristu, ngokuntywiliselwa.

KwiZenzo, isahluko sesi-8, sifumanisa ukuba uFilipu wehla waya kushumayela kumaSamari, waze wawabhaptizela wona eGameni leNkosi uYesu Kristu, amaSamari.

KwiZenzo i-10:49, uPetros wayalela iiNtlanga ukuba zibhaptizelwe eGameni leNkosi uYesu Kristu.

209 UPawulos, iZenzo i-10:5, "Wegqitha ngamantla onxweme lolwandle lwase Efese, wafumana abafundi." Babengabafundi bomBhaptizi; bona, bonke ngamnye, amaBhaptizi. Babeguquke

phantsi komshumayeli womBhaptizi ogama lingu—lingu, yabona, Apollos. Kwaye wayengumshumayeli womBhaptizi, "Kwaye wayebonakalisa ngeBhayibhile ukuba uYesu wayenguye uKristu."

UPawulos wathi, "Ingaba namamnkela na uMoya oyiNgcwele sukela nakholwayo?"

210 Bathi, "Asazi nokuba kukhona nawuphi uMoya oyiNgcwele."

211 Wathi, "Ngoko nanibhaptizwe njani?"

212 Bathi, "Sabhaptizwa yindoda ekwanye eyabhaptiza uYesu, umngxunya wamanzi phandle phaya. Oko kulunge ngokwaneleyo."

213 UPawulos wathi, "Oko akusayi kusebenza ngoku. Kufuneka nibhaptizwe, kwakhona." Kwaye uPawulos wabayalela ukuba babhaptizwe, kwakhona, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Wabeka izandla zakhe kubo, waze uMoya oyiNgcwele weza kubo. Chanekile. Ewe, mhlekazi.

Iyakuba kukuKhanya ngexesha langokuhlwa,
Indlela yoZuko ngenene uyakuyifumana;
Endleleni yamanzi, oko kukuKhanya namhlanje,
Ningcwatywe eGameni elinoyolo likaYesu.
Batsha nani badala, guqukani ezonweni zenu zonke,
UMoya oyiNgcwele ngenene uyakungena;
UkuKhanya kwangokuhlwa kufikile,
Iyinene ukuba uThixo noKristu baNye.

214 Oko koko iBhayibhile ikutshiloyo. Injalo lonto. Yiyure, lixesha lokuba kufanele siguqukeni.

215 Xela, khwaza xa usele ulungele, equleni. Kwaye siya . . . [Umzalwana uthi, "Sesilungele."—Mhl.] Nilungele? Kulungile, ukutsala imidiyadiya.

216 Ngoku, iNkosi inisikelele ngoku, njengoko umzalwana elungiselela ubhaptizo. Ingaba ninakho nonke ukubona apha?

AmaHebhere, Isahluko Sesibini 2 XHO57-0825E
(Hebrews, Chapter Two 2)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeCawa, ngo Agasti wama-25, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org